

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

English/isiXhosa

| February 2017 Edition 2

## 2017 Budget focuses on the poor



Ongezwa Mogotsi and Amukelani Chauke

Finance Minister Pravin Gordhan recently tabled a budget that emphasises the need for transformation for all.

In his Budget Speech he outlined government's plans to make the economy stronger and service delivery to citizens efficient.

To achieve these objectives South Africa has to go through radical transformation.

"To achieve sustained high-growth there are also more

fundamental, radical transformation measures that are needed. These relate, in particular, to economic power," said Minister Gordhan.

He said the relationships between labour and capital, rich and poor, black and white, men and women, town and townships, among others, still reflect the entrenched legacy of colonialism and apartheid.

"Wealth is produced and allocated along lines that remain fundamentally unjust. The ownership of assets and

the distribution of income is captured by a minority of the population – a situation that is morally wrong and economically unsustainable.

"We agree with President Zuma that a new perspective on economic transformation is required," said Minister Gordhan.

### Transformation for growth

For the country to achieve sustained higher growth, there are fundamental, more radical transformation measures that are needed said Minister Gordhan.

"The relationships between labour and capital, rich and poor, black and white, men

and women, town and township, urban and rural, still reflect the entrenched legacy of colonialism and apartheid."

He said the principles that should guide transformation include:

- Transformation must be mass-based, benefiting the most disadvantaged South Africans through the creation of new assets, capabilities and opportunities to build livelihoods.
- Mobilise both private and public investment in social and economic infrastructure, new technologies and new activities that help

● **Cont. page 2**

### Radical socio-economic transformation

Radical socio-economic transformation will help to grow the economy in a way that will include all South Africans and will ensure true reconciliation and prosperity.

Through transformation the country can achieve a more balanced structure of ownership and control of the economy.



**Forestry projects empower EC communities**

Page 10



**Support for small businesses**

Page 14



ALSO AVAILABLE ON:



@VukuzenzeleNews

f Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)

[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)

E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)

Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**



Image: <http://www.youthvillage.co.za>

### Centenary celebration of Oliver Tambo

*A nation that does not take care of its youth has no future and does not deserve one.*

– OR Tambo

### PROVIDING SOCIAL SUPPORT TO THE POOR

A social grant is the most direct way to alleviate poverty. By 2020, social grants will reach 18.1 million South Africans, mainly children (12.8 million) and the elderly (3.6 million).

The child support grant is expected to increase by R25 in 2017/18 while the foster care grant will go up by R30. The old age pension grant will increase by R95 a month in 2017/18.

2016/17 <sup>1</sup>	2017/18
<b>STATE OLD AGE GRANT</b>	
R1 505	R1 600
<b>STATE OLD AGE GRANT, OVER 75s</b>	
R1 525	R1 620
<b>WAR VETERANS GRANT</b>	
R1 525	R1 620
<b>DISABILITY GRANT</b>	
R1 505	R1 600
<b>FOSTER CARE GRANT</b>	
R890	R920
<b>CARE DEPENDENCY GRANT</b>	
R1 505	R1 600
<b>CHILD SUPPORT GRANT</b>	
R355	R380

<sup>1</sup>. Average grant value

### CONSOLIDATED SPENDING 2017/18

<b>R243.0 bn</b>	Basic education
<b>R241.6 bn</b>	Economic affairs & agriculture
<b>R198.7 bn</b>	Defence, public order & safety
<b>R195.8 bn</b>	Human settlements & municipal infrastructure
<b>R187.5 bn</b>	Health
<b>R180.0 bn</b>	Social protection
<b>R168.4 bn</b>	Other
<b>R77.6 bn</b>	Post-school education & training
<b>R70.7 bn</b>	General public services

Source: National Treasury

## Iiprojekthi zamahlathi ziphuhlisa uluntu lwaseMpuma Koloni

**II-ARHENTE ZIKARHULUMENTE** wePhondo laseMpuma Koloni ziphuhlisa uluntu kulo mmandla.

### Siya Miti

**A**maqumrhu karhulumente eMpuma Koloni atyale imithi exabisa izigidi ngezigidi zeerandi ngezivumelwano zokuthengiswa kwemveliso yemithi kwiSouth African Pulp and Paper Industries (i-SAPPI), nto ke leyo eya kwenza ukuba babe ngabanini abagqibeleleyo bale misebenzi yokulinywa kwamahlathi okuya kuxabisa izigidi ngezigidi zeerandi.

Ukuza kuthi ga ngoku uKopolotyeni woPhuhliso waseMpuma Koloni (i-ECDC) ne-Arhente yoPhuhliso lwamaPhandle eMpuma Koloni (i-ECRDA) exhasa ngezigidi ezili-133 zeerandi lo msebenzi wokulinywa kwamahlathi ize imveliso ithengiswe.

Sisixa-mali sezigidi ezingama-56 eerandi esele sise-tyenzisiwe kwiinkqubo ezintlanu zokulinywa kwemithi ezizezi: eSinawo nase-Izinini

eMbizana, eMkambati eFlagstaff, eGqokunqa kuQumbu naseSixhotyeni eMaclear.

Lo msebenzi wokulima amahlathi ukwafumene nenkxaso-mali engama-83 ezigidi zeerandi kwiNgxowamali yemiSebenzi ye-Development Bank of Southern Africa nto ke leyo ekhokelele kutyalo mahlathi kumhlaba ozihektare ezingama-2 700 kuzo zontlanu ezi projekthi.

Zizithuba zemisebenzi ezingaphezulu kwama-800 ezidalweyo ukanti kuseza kutyalwa eminye imithi kumhlaba ozihektare ezili-1 000 ngeyoKwindla wama-2017.

Umhlali walapha uNowinile Giyose-Gasela, osebenzela iTrasti yoPhuhliso loMhlaba yaseMkhambathi, uthe le misebenzi yokulinywa kwamahlathi ibutshintshile ubomi babahlali balapho.

“Ubomi butshintshile okwenene ukususela ukuqaliswa kwale projekthi. Abanye bethu bebengaphangeli. Ngoku



Abahlali babila besoma kwiprojekthi yabo yamahlathi eMkambati cebu kuhle eFlagstaff.

umthwalo wothulwe emagxeni ethu kuba ngoku siyakwazi ukugxotha ikati eziko nokuze sithumele abantwana bethu ezikolweni,” utshilo uMama uGiyose-Gasela.

IGosa eliPhezulu le-ECRDA uThozzi Gwanya wenze ingxelo ngenkqubo nenkqubela yezi projekthi zintlanu.

Uthe iprojekthi yaseSinawo eMbizana sele kumbhovu ukuba ibonakalise iziphumo zemveliso. Uhambise wathi sele uqalisile ngokuthengisa amaplanga kwa-SAPPI ngeenjongo zokwenziwa kwamaphepha. Uthe kunyaka-mali wama-2015/16 le projekthi yenze ingeniso yezigidi ezisixhenze zeerandi ngokuthengiswa kwamaplanga

yaza inxalenye yaloo mali yase-tyenziselwa ukuthenga iiteletele ezimbini kwakunye nebhaki.

“Ngowama-2015/16 kuye kwaqeshwa abanye abasebenzi abali-16 into ke leyo ebangele ukuba lenyuke inani labasebenzi liye kuthi xhaxhe kuma-208. Kukwakho nabanye abasebenza abangxungxayo abali-113.”

E-Izininzi kusetyenziswe imali ezizigidi eziyi-3.5 zeerandi kutyalo lwemithi kumhlaba ozihektare ezili-111 nto ke leyo ebangele ibe ziihektare ezingama-335 zemithi ezilinywe ngowama-335. Lilonke abasebenzi abaqeshwe isigxina kulo msebenzi bangama-60.

ESixhotyeni ngowama-2015/16 kusetyenziswe ima-

li ezizigidi eziyi-4.4 zeerandi lo gama kuqeshwe abasebenzi abasigxina abangama-39 nto ke leyo ebangele babe ngama-86 bebonke abasebenza isigxina apha.

Uqhube wathi kusetyenziswe imali ezizigidi ezingama-85 zeerandi eGqokunqa nto ke leyo ebangele ukuba ibe ziihektare ezingama-605 omhlaba ekuse

**“Ubomi butshintshile okwenene ukususela ukuqaliswa kwale projekthi...”**

kulinywe kuwo imithi.

EMkambathi kusetyenziswe izigidi ezihlanu zeerandi kutyalo lwemithi yomgamtriya kumhlaba ozihektare ezingama-78 nto ke leyo ebangela ukuba ibe ngama-668 eehektare uwonke umhlaba ekulinywe kuwo. Le projekthi yaseMkambathi yenze ingeniso engama-803 949 eerandi ngokuthengiswa kwamaplanga.

UGwanya uthe ezinye ezi iprojekthi zale mihlaba kulinywe kuyo, yimihlaba yembutshane nto ke leyo eyenza ukuba ube lula umsebenzi wabo nanjengoko loo mihlaba inabanikazi bayo. ■

## Umfama wenza ezibukwayo

**AMAFAMA EWAYINI ENTSHONA KOLONI** agqibele kwelokuba enze igalelo kuphuhliso lwabasebenzi babo nto ke leyo ebenezinqanaba ezihle.



Abasebenzi basezifama abaninzi baza kuxhamla kumgaqo-nkqubo karhulumente ofuna ukunceda abo bazuzileyo njengabanye babanikazi bomhlaba weendawo abahlala kuzo.

### Amukelani Chauke

**I**nto yokuqala athe wayiqaphela uMphathiswa woPhuhliso lwamaPhandle noBuyekezo lwemiHlaba, uGugile Nkwinti, ngethuba etyelele ifama iSolms Delta Wine Estate eFranschoek cebu kuhle eKapa ngumoya omhle phakathi kwabantu abasebenza apha.

Ubone indlela ekuhlaliswene ngayo

ngoxolo zintlanga ezahlukeneyo apha kwanokuba abaniniyo bathengisele abasebenzi ama-50% ale fama.

Le fama neyaqala ukusebenza ngomnyaka we-1690, ithengisele abasebenzi inxalenye yale ephantsi i-Wijn De Caab Trust, into ke leyo ebangela ukuba abasebenzi bayo babe kwangosomashishini abangabanikazi kule fama izihektare ezingama-54.

UMphathiswa uNkwinti ubetyelele le

fama ngenjongo zokumisela uMgaqo-nkqubo wokuLwela amaLungelo Abantu abasebenza ngoMhlabala.

Ngokumisela kwalo mgaqo-nkqubo urhulumente uthemba ukuncedana nabo bathe banikwa imihlaba ikakhulu abasebenzi nabahlali basezifama ukuba babe namalungelo okuhlala esigxina kwezo ndawo basebenza okanye bahlala kuzo kwanokuba bafumane inxalenye eyimali engeniswa ngulo mhlaba wolimo.

UMphathiswa Nkwinti wothulele umnqwazi la mafama asele engomakhwekhwehtha ngokuqalisa umgaqo-nkqubo wolingwano, i-50/50 engakaphunyezwa ngokusesikweni.

“Ndicenga ukuba uNjingalwazi Mark Solms ngomnye wabemmi abachubekileyo beli lizwe kuba sibe singazi nto ngale fama. Yena uye weva ngenkqubo karhulumente esiyaqalileyo,” utshilo uMphathiswa Nkwinti.

UNjingalwazi Solms, ongomnye wabanikazi bale fama, uthe ukususela oko bathi baqalisa ngalo mgaqo-nkqubo baza bathengisele i-Wijn De Caab Trust inxalenye eyi-50% yale fama, le fama iqhuba kakuhle kakhulu.

“Ndiyazingca ngale nto siyenzileyo.

Abantu bangajonga koko sithe sakwenza babone ukuba ibonisa isisa kakhulu. Izinto ezenzeka apha zingummangaliso yaye kuyo kuhlala abantu abalungileyo.”

Emva kokusebenzela uNjingalwazi Solms njengomsebenzi oncedisayo emakhaya, uSussana Malgas ngoku uligosa elivunyiweyo elifundisa abantu

**“Emva kokusebenzela uNjingalwazi Solms njengomsebenzi oncedisayo emakhaya, uSussana Malgas ngoku uligosa elivunyiweyo elifundisa abantu ngewayini nembali kule fama.”**

ngewayini nembali kule fama. Kunamhlanje nje uSussana ngomnye wabanikazi bale fama nelungu lebhodi yetrasti yeWijn De Caab Trust.

Uthi ubomi kule fama buphucuke ngeyona ndlela nanjengoko abasebenzi ngoku benezwi kwimicimbi yolawulo nokuqhubeka apha. ■

## Abantu baseMpuma Koloni baza kufumana indlela entsha

**IBHULORHO** eneziphambuka yaseLibode iza kunceda abantu bale ngingqi.



Thami Sesmani

Ibhulorho eneziphambuka yase-Libode ekwindlela u-R61 eMpuma Koloni iphucule ukhuseleko ezindleleni lwabo bonke abantu abasebenzisa indlela kulo mmandla wase-maphandleni.

Oku kulungiswa nokwakhiwa kwale bhulorho inqumla phezu ko-R61 kuthetha ukuncitshiswa kwexesha lohambo, ukhuseleko lwabahambi ngeenyawo kwanokuncitshiswa kweengozi ku-R61. Umhlali kulo mmandla uMthuthuzeli Xotyeni (ominyaka ingama-30 ubudala) uthi le ndlela ibisakuba yingxaki

kubahlali.

“Lendlela ibincinci kakhulu yaye abahambi ngeenyawo besakugilwa zimoto lo gama behamba ecaleni kwindawo enomgca omthubi. Kwisithuba senyanga bekusakubakho iingozi ezintathu ukuya kwazine.”

**“...imeko ingcono kakhulu ngoku yaye siyavuya ngokwakhiwa kwale ndlela.”**

Uthe konke oko kutshintshile ngoku ngokwakhiwa kwale ndlela intsha. “Ngoku ilungiswe nje imeko ingcono kakhulu...yaye siyavuya ngokwakhiwa kwale ndlela...”

Le dolophana yaseLibode imalunga nama-36 eekhilomitha ukusuka eMthatha.

ISebe lezoThutho liye lakha iibhulorho eLibode, enye yibhulorho yeemoto enqumla phezu ko-R61, enye litonela leemo-

to elinqumla phantsi ko-R61, ibhulorhwana yabahambi ngeenyawo, iindawo zokumisa iiteksi kwanendledlana yabahambi ngeenyawo. Ziziphambuka ezisibhozi eziye zaphuculwa lo gama kukwakhiwe nezinye, kumiselwe iimpawu zasezindleleni ezintsha kwaza kwaphuculwa nemibhalo esendleleni.

Ukulungiswa kwale ndlela ingumgama ongama-21.5km isuka eNgqeleni iye eLibode kuxabise malunga nezigidi ezingama-371 zeerandi yaye kwenziwe kwisithuba esingaphezulwana nje kweminyama emibini..

Lo msebenzi udale izithuba zemisebenzi koosomashini abancinci, abaphakathi nabancinane (ii-SMME) abangama-37. Isihlanu kwelo nani ngosomashini abangamakhosikazi lo gama ama-22 ilulutsha. Iyone imali ehlawulwe ezi SMME zizigidi ezingama-79.27 zeerandi lo gama kudalwe izithuba zemisebenzi ezingama-795. Kwelo nani ama-381 ibe ilulutsha, ama-125 ngamakhosikazi

ukanti kukwaqeshwe nomntu omnye okhubazekileyo. Kukwanikwe noqeqesho kubantu abangama-303.

ISebe lezoThutho liye lasebenzisana ne-Arhente yeSizwe yoKwakhiwa kweeNdlela (i-SANRAL) ukuphucula iindlela kulo mmandla ongekaphuhli ngokupheleleyo.

UMphathiswa wezoThutho uDipuo Peters uthe i-SANRAL wenze iindlela, imisebenzi yokuphuhlisa kwanokulungiswa kwazo ngemali eyibhiliyoni eyi-1.4 yeerandi eMpuma Koloni kunyaka-mali wama-2015/16.

“Le bhulorho intsha yabahambi ngeenyawo iza kusindisa ezingozini abantwana besikolo abali-1 200 lo gama iphelisa ixhala ebazalini, iintsapho kwakunye nootitshala babo,” utshilo uMphathiswa Peters kumsitho wokuvulwa ngokuse-sikweni kwale bhulorho. ▀

*\*UThami Sesmani usebenzela iSebe lezoThutho.*

## Inkxaso kumashishini akhasayo

**UMZANTSI AFRIKA** unenani elandayo loosomashishini abangamakhosikazi yaye urhulumente umisele iinkqubo zokuncedisa ukukhula kwamashishini wabo.

I-Global Entrepreneurship Monitor idize ukuba uninzi loosomashishini beli lizwe ngamadoda aneminyaka yobudala ephakathi kwengama-25 nengama-44. Nakubeni kunjalo, inani loosomashishini basetyhini liyakhula yaye bathande nokungenela kwiintlobo zamashishini ebezifudula zisaziwa ngokuba zezamadoda. I-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini Amancinci (i-Seda) ifumanise ukuba ama-72% amashishini amancinane kunye nama-40% alawo mancinci ngawamakhosikazi. Urhulumente namashishini abucala bamisele iinkqubo baza babekela bucala nezimali zokuxhobisa amakhosikazi eli lizwe.

Uncedo lokuphuhlisa la mashi-shini luyafumaneka kumaziko afana ne-Seda.

I-Seda eyi-arhente yeSebe loPhuhliso lwamaShishini Amancinci ebonelela ngenkxaso engenanto yakwenza nezimali koosomashishini amancinci nakookopolotyeni.

Enye yeenkampani ezifumene

uncedo kwa-Seda yiNomcebo Consulting Enterprise cc neshishina ngegama iNomcebo Printers nezinze eLydenburg kwiphondo laseMpumalanga. Eli shishini nelaqala ngomnyaka wama-2004, lelukaNomcebo Sibanyoni yaye liqhuba kakuhle.

I-Nomcebo Printers yenza imizobo, ushicilelo kwanokushicilelwa kwamaxwebhu ukanti kule minyaka ilishumi yokusebenza kwalo ibonakalise ukukhula yaye idale izithuba zemisebenzi esigxina ezingama-22 kubandakanywa nomniniyo.

Le nkampani ikhule kangangokuba yenza noshicilelo lwezinye izinto ngokubanzi. Nakubeni kunjalo, oku kukhula akubanga lula. Phakathi kwizinye iingxaki ibikhe yagagana nazo ibe kukunqongophala kwezakhono zolawulo lweshishini, ukungafumani bantu baninzi abaza kusebenzisa iinkonzo zeli shishini.

I-Seda yaba nokuncedana nale nkampani ngokuqulunqa iinkqubo zayo zolawulo



■ I-Nomcebo Printers ikhula ngokukhawuleza, oku kwenzeka ngenxa yenkxaso ye-Arhente yoPhuhliso lwamaShishini Amancinci (i-Seda).

Iwezimali, uqeqesho kwawonokwaliswa kokusetyenziswa kwenkqubo yolawulo lwezimali. Le arhente ikwanike le nkampani uqeqesho olwaziwa ngokuba yi-EMPTEC olujoliswe kuphuhliso oluyimpumelelo lwezakhono zoshishino

nenkqubo eyaziwa ngokuba yi-QMS kwanokubhaliswa kwalo njengeli-phunyezwe liQumrhu lemiGangatho loMzantsi Afrika (i-SABS).

Inkxaso enikwe yi-Seda kwawonokuzinikezela kunye nokusebenza ngamandla kubange-

le ukuba iNomcebo Printers ibhengezwe njengephumeleleyo kukhuphiswano lonyaka ophelileyo obe lusaziwa ngokuba yi-Eskom Business Investment Competition.

Olu khuphiswano luwonga oosomashishini ababalaseleyo nababe negalelo kwezemveliso, ushishino neenkonzo, umsebenzi wokwakha nobunjinieli, ezolimo kunye namacandelo okucolwanokuhlelwa kweemveliso zolimo ngamashishini abo abonisa ukuhlakanipha adala izithuba zemisebenzi ukuze ngokwenza njalo babe bafake igxalaba kukhuliso lwezoqoqosho.

**Eli nqaku libhalwe yi-Seda . ▀**

**Xa ufuna iinkcukacha ezithe vetshe nge-Seda yiya ku-:**

**www.seda.org.za**  
**kungenjalo utsalele umnxeba kule nombolo:**  
**0860 7663 729**